higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 4

(4101244)

14 November 2023 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha amane (4).

044Q2N2314

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 4
IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 120

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMABINI.

   ICANDELO A: Ubhalo olufutshane.

   ICANDELO B: Ubhalo olude.

2. Bhala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

7. Qwalasela amanqaku anikiweyo kumbuzo ngamnye

ICANDELO A: UBHALO OLUFUTSHANE

Bhala umhlathi onamagama angama-ali-120 ukuya kwi-180.

UMBUZO 1:ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umbalisela ngesikolo oza kufunda kuso kunyaka ozayo. **[20]**

UMBUZO 2:INGXOXO

Bhala ingxoxo ephakathi kwabafundi ababini bexoxa ngomanakalo esikolweni sabo owenziwe zizandyondyo zemvula. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UBHALO OLUDE

Bhala umhlathi onamagama angama-250 ukuya kwama-350.

UMBUZO 3: IFLAYA

Bhala iflaya wazise ngogqirha wamehlo ofikayo kwidolophu yakho kunye noncedo olufumaneka kuye. **[30]**

UMBUZO 4: INGXELO

Imfundo ngexesha lokumiswa kweentshukumo eMzantsi Afrika

Singabafundi kule mihla yokumiswa kweentshukumko eMzantsi Afrika, sifumana uxanduva lokuzifundela emakhaya, ukufunda kusetyenziswa iteknoloji. Ezikolweni kunemijikelo eyenziwayo ukuze inani labafundi kube lelo livumelekileyo kumagumbi okufundela ukunqanda ukunwenwa kwentsholongwane i-Corona. Le mijikelo yenza abafundi bangabi nalo ixesha elaneleyo lokwenza imisebenzi enjenge asayinmenti, iiprojekthi kwakunye neminye imisetyenzana. Bavele bonqene ukuzifundela behleli emakhaya, nto leyo eyenza kubonakale ukuba liyadodobala inqanaba lemfundo kweli lizwe lethu.

Ngokwesiqhelo iintsuku zokuya esikolweni ziba zintlanu evekini, iiyure zisixhenxe ngosuku. Ngokwale ndlela ilandelwayo yemijikelo, iintsuku zinciphile ingakumbi kumabanga aphantsi. Kula mabanga ootitshala banika umsebenzi omawenziwe emakhaya. Iba luxanduva lomzali ukuncedisana nomntwana wakhe. Abanye abantwana bahlala kumakhaya angayinanzanga ncam imfundo, ukanti abanye bahlala noomakhulu abangakwazi ukusebenzisa iteknoloji.

Nathi baseziDyunivesithi siba nezinto esisilela kuzo ngenxa yokungasebenzi kweteknoloji kwiindawo esihlala kuzo. Sifunda kwimeko enzima kakhulu. UMphathiswa weZemfundo yamabanga aphakamileyo wathembisa ngezixhobo zokusinceda. Akuzange kube njalo kuba abanye bethu abazifumananga nezo khompyutha sasithenjiswe ngazo. Obunye ubunzima esihlangabezene nabo kukungabi nayo imali yokuthenga idatha ukanti maxa wambi kungabikho inethiwekhi ingakumbi kwabo bahlala emaphandleni.

Ukufundiswa ziititshala kumagumbi okufundela kusinika umdla kuba yonke into yenzeka ngexesha kwaye siyakwazi nokubuza kwangelo xesha apho kukho ukungaqondi. Abafundi bayakwazi ukuya kumagumbi okufundela kwangethuba.

Abanye abantu bahambisana nombono wokuba nendlela yokufundiswa mayitshintshwe nanjengoko nakweminye imisebenzi sekuqaliswa ukusetyenziswa kwetheknoloji. Lo mbono andiwuboni ulungelene nezemfundo.

Bhala ingxelo ngokuyeka isikolo kwabafundi abaninzi ngenxa yokumiswa kwezifundo ngexesha leCovid. **[40]**

AMANQAKU ECANDELO B: 70
AMANQAKU EWONKE: 120

Copyright reserved